Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2018

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1
# MEMORANDAM

**AMANQAKU: 80**

Le memorandam inamaphepha ali -9.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

Imigaqo yokuMakisha uvavanyo lokuqonda.

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukunika isohlwayo. Kanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI noNDIYAVUMELANA/ ANDIVUMELANI. Isizathu/ ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu: YINYANISO/BUBUXOKI,noYINYANISO / LULUVO. Ukunika isizathu/ ukunika ubungqina/ ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo,oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/lingqanyanisiwe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini – amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo,makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE / OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

### 1.1 ISICATSHULWA

1.1.1 Umbhali utsho kuba sonke siphila ngokutya. √ (1)

1.1.2 B √/ Umngqusho namarhewu. √ (1)

1.1.3 Ukuhambela kude √√/ ukuthetha enye into. √√

[Nayiphina impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] (2)

1.1.4 Abaziinkcutshe. √ (1)

1.1.5 Umxholwana walo mhlathi uthetha ngokutya neendidi zokutya ezohlukeneyo, sibe isihloko sisithi ukutya. √ (1)

1.1.6 Iintlokotshane, umbhongisa, iingwenye, umbhovu, umnqabaza, isiphingo, amaqunube, umqokolo,ingwenye, amakhiwane. √√

[Khetha zibe MBINI kwezi] (2)

1.1.7 Umvundla uzek'indlela. √√ / Ukuba nomvundla. √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

1.1.8 Kukutya iziqhamo zasendle. √√ (2)

1.1.9 Kwaphambana abafazi abalishumi ababetye umfino ongenguwo. √ (1)

1.1.10 Kuphosiswe √√/ kuthethwe ubuxoki. √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

1.1.11 Bubuxoki abukho ubungqina √/ namhlanje ndibone amadoda esitya imifino. √ (1)

1.1.12 Ucacisa isenzi √√/ njengesihlomelo. √√ (2)

[Nayiphi na kwezi]

1.1.13 Inyama yezilwanyana nemifuno kukutya okuthandwayo ngabantu. √ (1)

1.1.14 Umbuzo buciko. √ (1)

1.1.15 Wothuka wabanda ... , wanga angaxhuzula ukubona inkunzi yesele eliqhotsiweyo. √√ (2)

1.1.16 Umxholo wesi sicatshulwa uchaza ngokutya neendidi zako, sibe sihambelana twatse nesihloko. √√ (2)

## 1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2.1 YiMpuma-Koloni neNtshona-Koloni. √√ (2)

1.2.2 Iipesenti zikumyinge othe xhaxhe ukusuka ku-65% ukuya ku82%. √ (1)

1.2.3 IsiZulu/kuba kuseMpuma Koloni yingingqi ekude kunendawo yabo. √√ (1)

1.2.4 KwaZulu Natala 50%. √√ (2)

**[30]**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

**Ulwabiwo-manqaku:**

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezi-7(inqaku elinye ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi
- Amanqaku ewonke: ali-10

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo:**

- 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**

- 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

**Ubalo-magama:**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Xa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphele kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

| **Iingongoma ezicatshulwe njengoko zinjalo.** | | **Iingongoma ezinokubhalwa ngumfundi.** | |
|---|---|---|---|
| 1. | Isebe likanobhala wedolophu lilawula yonke imicimbi yedolophu. Uthatha izigqibo ngezinto ekufuneka zenziwe, imicimbi edla idolophu. Apha kweli sebe kukho amalungu ebhunga ledolophu | 1. | USosiba wedolophu usebenzisana nebhunga belawula imicimbi yedolophu. |
| 2. | Isebe likasosiba wedolophu ligcina imizuzu yazo zonke iintlanganiso. Ukwathembekile nakulawulo lwayo nakuyo yonke imicimbi ngethuba lokuxakeka. | 2. | USosiba ugcina imizuzu enalo noxanduva nolawulo ngexesha lengxaki. |
| 3. | Isebe lenjineli yedolophu ikhathalele zonke iindlela kunye neendledlana ezisecaleni kwendlela. Yondlala imibhobho apho kunokuhamba khona amanzi amdaka. Ikwajonge ucoceko lwabantu kunye nedolophu. Kusetyenziswe izixhobo zokucoca ezifana noomatshini kunye neenqwelo ezitshayelayo | 3. | Injineli yedolophu ihoya zonke iindlela, ifakela imibhobho, ikwajongene nococeko. |
| 4. | Injineli yombane ifakela iintambo zombane ize iqaphela wonke umbane wedolophu, nakwindawo ekuhlala kuzo abantu. Inika umbane kwindawo ezininzi ezifana nezakhiwo zaseburhulumenteni, iindawo zoshishino nakwindawo zolonwabo. Umbane wenza impilo yethu ibe lula kakhulu. Ibalulekile injineli yombane kuba xa kukho ingxaki yombane yiyo ewulungisayo. | 4. | Injineli yombane ililiso lombane wedolophu, iyawufakela iwulungise xa kukho undonakele. |
| 5. | Isebe loyilo kunye nelenkqubela lijongana nolwakhiwo lwezindlu. Xa umntu efuna ukwandisa indlu yakhe maxa wambi omnye ufuna icebo lokuba angayakha njani na indlu yakhe yoshishino ibenkulu, yonke loo nto uyizisa kweli sebe.Likwahlula imihlaba ngokwemida | 5. | Luxanduva lesebe loyilo ukwakha nokwandisa izindlu likwahlela nemida yomhlaba. |
| 6. | Isebe lempilo lijongene nempilo yabantu. Lihlola zonke iindawo apho kuhlala khona abantu kunye nalapho kuthengiswa khona ukutya. | 6. | Isebe lezempilo lihlola ezempilo ebantwini nakumaziko athengisa ukutya, |
| 7. | Isebe lezamahlathi kunye neepaki. Usomahlathi wenza idolophu ibukeke, utyala imithi kunye neentyantyambo. Ugcina iindawo zokudlala zabantwana zibukeka ngalo lonke ixesha. Ngamanye amaxesha ucheba ingca ukuba ingabi nde, alolonge namahlathi | 7. | USomahlathi ujongene nobuhle bedolophu, ucoca amabala okudlala ulima nemithi. |
| | (122) | | (65) |

QAPHELA: Izifinyezi okanye i-akronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama azimeleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo

- Iimpendulo ezingongoma-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
- Kwiimpendulo ezi zivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
- Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezi, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

### UMBUZO 3

### ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Curly and Soft iinwele ziqinisekisiwe ngokuthamba. √ (1)

3.2 Amantombazana. √ Injongo yomthengisi icala nye, uthengisela amantombazana kuphela √ (2)

3.3 Kumantombazana √ Yenzelwe amantombazana aselula. √ (2)

3.4 Ubuncinci ngokuzalwa √/ isinciphiso. √

[Nayiphi na kwezi] (1)

3.5 Usebenzisa ulwimi oluchukumisa uvakalelo lokutsala abathengi. √√/ Ulwimi olulukuhlayo √√/ ingcinga ecalanye. √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

3.6 Le mveliso yenza iinwele zithambe zibe necurls. √ (1)

3.7 C √/ R6.40 √

[Nayiphi na kwezi] (1)

**[10]**

## UMBUZO 4

## IKHATHUNI

4.1 Ekhayeni. √ kuba uthi umzali "Wenzeni esikolweni". √ (2)

4.2 C √/ Umzali. √

[Nayiphi na kwezi] (1)

4.3 Uvule umlomo, ubuso bujalile, amehlo uwaqhalile kunye nokukhomba. √√ (2)

4.4 Usaqhubeka ukuthetha. √ (1)

4.5 Wothukile / ebengazi ukuba umzali unolwazi. √ (1)

4.6 Akanambeko √/ akakhathali √/ akaziboni ukuba wonile. √ / unolwimi √

[Khetha ibenye kwezi] (1)

4.7 Ingxaki nabantwana esikolweni. √√ (2)
**[10]**

## UMBUZO 5

## IPROZI

5.1 5.1.1 **Asilo** √ siko lethu thina maXhosa ukupha amazwi. (1)

5.1.2 Unyana. √ (1)

5.1.3 Ilizwi. √ (1)

5.1.4 Yona √ wona. √ (2)

5.1.5 C √/ Isihlomelo. √

[Nayiphi na kwezi] (1)

5.1.6 Xa **ingena** √√ inkwenkwe ayinikwa mazwi. √ (3)

5.1.7 Ukuvuth**isa**. √ Isixando sokwenzisa. √ (2)

5.1.8 Emva kwesalathisi / isikhombisi iceba liyashiywa. √ / Emva kwesalathisi (1)

5.1.9 ... emihle. √ (1)

5.1.10 Ingqeqesho iqala ekhaya. √ (1)

5.2 **UMFANEKISO**

5.2.1 Ubethwa √√/ ubethiwe. √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

5.2.2 ....kabuhlungu. √ Isihlomelo sobunjani omncinci / Isihlomelo sobunjani. √ (2)

5.2.3 Uza √ kulila. √ (2)

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**